




## Mphe isipho seencwadi

Xa uphinda usipha umntwana isipho, kutheni ungamphi incwadi? Xa umpha incwadi umntwana wakho, umnika ikamva eliqaqambileyo! Iincwadi ezimnandi zihlala ixesha elide kwaye zingaphindaphindwa ngabantu abahlukeneyo kwintsapho okanye kwikhaya elinye.

Iincwadi zabantwana zingafunyanwa kwiivenkile zeencwadi, kwiivenkile ezithengisa izinto zokubhala, kwisuphamakethi, kwiivenkile zamasekeni, kwii-flea market nakwiivenkile ezithengisa kwi-intanethi. Imibutho efana noBook Dash, uWordworks noFunDza ineencwadi ongazifunda efowunini okanye ekhompuyutheni yakho okanye uzidawunlowude uze uziprinte.



## Give the gift of books

When you next need to give a gift to a child, why not make it a book? When you give a book as a gift, you invest in the future of a child! Good books last for a long time and can be enjoyed over and over again by different people in the same family or home.

Books for children can be found at book and stationery stores, supermarkets, second-hand goods stores, flea markets and in online stores. Organisations such as Book Dash, Wordworks and FunDza have books that you can read on your phone or computer or download and print.

### Ndiyikhethe njani incwadi emnandi?

- ★ Khetha nayiphi na incwadi enomtsalane kuwe neza kumenza umdla umntwana. Ukuba yincwadi yemifanekiso, lifunde lonke ibali. Ukuba yincwadi endana, funda nje ekuqaleni, iphepha libe linye okanye abe mabini embindini nasemqumbelweni. Emva koko, cinga ngezi zinto:
- ★ Ukuba yincwadi enemifanekiso, ngaba umntwana angaphindaphinda ukuyijonga?
- ★ Ngaba imifanekiso ineenkukacha ezibangela umdla ezanceda ekubaliseni ibali?
- ★ Ukuba yincwadi yenkcazelo, ngaba amagama abonakala ehambelana nemifanekiso kwaye ibangela umdla?
- ★ Ngaba le ncwadi isebenzisa amagama ngeendlela ezenza ungafuni ukuyiyeka? Umzekelo, incwadi yemifanekiso ingasebenzisa isicengelezo okanye incwadi ubukhulu becala enamagama ingabhalwa ngendlela efanele izinto ezenzeka ebalini.
- ★ Ngaba umqumbelo wayo uyanelisa?

### How do I choose a good book?

- ★ Choose any book that catches your eye and will interest the child. If it is a picture book, read the whole story. If it is a longer book, then read the beginning, a page or two in the middle and the ending. Then, think about these things:
- ★ If it is a picture book, would a child want to look at it again and again?
- ★ Do the illustrations have interesting details that help to tell the story?
- ★ If it is an information book, do the words and pictures seem relevant and interesting?
- ★ Does the book use words in ways that make you want to read on? For example, a picture book could use rhyme or a book with mainly words could use a writing style that suits the action in the story.
- ★ Does it have a satisfying ending?

### Ndingaphisa nini ngencwadi njengesipho?

- ★ Yamkela iintsana ezisandul' ukuzalwa ngencwadi ukuze abazali bazo bazifunde.
- ★ Incwadi inganceda umntwana alungiselele okanye asingathe izinto ezintsha ezizayo, njengokuqala isikolo okanye ukwamkela olunye usana entsatsheni.
- ★ Iincwadi ziba zizipho ezivuyisayo zomhla wokuzalwa okanye zeeholide.
- ★ Mphe incwadi umntwana wakho ukuze umbulele ngento ayenze kakuhle ekhaya, kubahlobo okanye esikolweni.
- ★ Nanini na lixesha elihle lokupha umntwana incwadi!

### When can I give a book as a gift?

- ★ Welcome new babies with books so that their parents can read to them.
- ★ A book can help a child prepare for or deal with new experiences, like starting school or welcoming a new baby into the home.
- ★ Books make great birthday or holiday presents.
- ★ Give a book to thank your child for doing something well at home, with friends or at school.
- ★ Any time is a good time for giving a book as a gift!

**Xa usipha umntwana incwadi, ungamenza akuthande ukufunda ubomi bakhe bonke!**

**By giving a child a book, you can spark a love of reading that can last a lifetime!**

**Siza kukhe sithathe ikhefu kude kube yiveki yama-27 kuJanuwari 2023. Uze usijoyine ngoko ukuze ufumane olunye uncuthu lweencwadi zikaNal'ibali!**

**We will be taking a break until the week of 27 January 2023. Join us then for more Nal'ibali reading magic!**



Drive your  
imagination





**IT STARTS WITH  
A STORY.  
KONKE KUQALA  
NGBALI.**



# UMqulu Wabantwana The Children's Charter

- ☉ Abantwana banelungelo lokuba negama.
- ☉ Children have the right to a name.
- ☉ Abantwana banelungelo lokuba nendawo yokuhlala.
- ☉ Children have the right to a place to live.
- ☉ Abantwana abamele banyanzelwe ukuba basebenze ngaphambi kokuba bafike kubudala obuthile.
- ☉ Children should not be made to work before a certain age.
- ☉ Abantwana abamele babethwe okanye baxhatshazwe.
- ☉ Children should not be beaten or abused.
- ☉ Abantwana bamele bahoywe xa begula.
- ☉ Children should be cared for when sick.
- ☉ Abantwana abakhubazekileyo banelungelo lokuphathwa ngendlela ekhethekileyo nelokufumana imfundo.
- ☉ Children with disabilities have the right to special treatment and education.
- ☉ Abantwana banelungelo lokufumana imfundo yasimahla.
- ☉ Children have the right to free education.
- ☉ Abantwana abamele babanjwe baze bavalelwe entolongweni.
- ☉ Children should not be arrested and put in jail.
- ☉ Abantwana banelungelo lokufumana ukutya okwaneleyo abaza kukutya.
- ☉ Children have the right to enough food to eat.



**Luxanduva lwethu sonke njengabazali, iintsapho, uluntu norhulumente ukuqiniseka ukuba bonke abantwana bakhuselekile kwaye bakhula kwimeko efudumeleyo, nenothando.**

**It's our shared responsibility as parents, families, communities and government to ensure that all of our children are safe and protected and grow up in warm, loving environments.**

**Qhagamshelana nathi nangayiphi na enye kwezi ndlela zilandelayo:  
Contact us in any of these ways:**

[www.nalibali.org](http://www.nalibali.org)

[www.nalibali.mobi](http://www.nalibali.mobi)

[nalibaliSA](https://www.facebook.com/nalibaliSA)

[@nalibaliSA](https://www.tumblr.com/nalibaliSA)

[@nalibaliSA](https://www.instagram.com/nalibaliSA)

[info@nalibali.org](mailto:info@nalibali.org)

**Nalibali**

# Izinto ezisi-8 ezimnandi eningazenza ngeeholide

Nazi ezinye izinto ezingagcina abantwana bakho bonwabile ngeeholide zesikolo. Undoqo kukuba kube mnandi, ngoko sebenzisa ulwimi (iilwimi) wena nabantwana bakho eniluthetha ngokukhululekileyo.



# 8 fun holiday ideas

Here are some activities to keep your children entertained during the school holidays. The idea is to enjoy yourselves, so use the language(s) you and your children feel most comfortable with.



**1 Khanizame into entsha.** Zamani ukufunda incwadi okanye ibali elibhalwe ngumbhali eningazange nafunda incwadi yakhe ngaphambili. Ningawafumana amabali abantwana asimahla, anemifanekiso emihle ngolwimi lwenu kwiwebhusayithi ethi [www.nalibali.org](http://www.nalibali.org) okanye nithumele igama elithi "stories" ngoWhatsApp kule nombolo 0600 44 22 54.

**1 Try something new.** Try reading a book or story written by an author whose books you've never read before. You can find free, beautifully illustrated children's stories in your language at [www.nalibali.org](http://www.nalibali.org), or by WhatsApping "stories" to 0600 44 22 54.

**2 Yenzani oopopayi.** Yenzani oopopayi beminwe bomlinganiswa ngamnye ekuthethwa ngaye ebalini enilithandayo. Emva koko phindani nilibalise elo bali nisebenzisa abo popayi beminwe. Iba mnandi kakhulu le nto xa isenziwa ngoomakhulu nabantwana abancinci.

**2 Make puppets.** Make a finger puppet for each of the characters in a story you enjoy. Then retell the story using the finger puppets. This is a great activity for gogos to do with smaller children.

**3 Yenzani amakhadi.** Chithani ixesha kunye nisenzela abantu abakhethekileyo ebomini benu amakhadi emibuliso. Umzekelo, yenzani ikhadi lokwamkela umakhulu notamkhulu xa beze kunibona ngeeholide zesikolo.




**3 Make cards.** Spend time together making greeting cards for the special people in your lives. For example, make a welcome card for a grandparent who is coming to visit over the school holidays.

**4 Fakelani amagama.** Khethani incwadi yemifanekiso engenamagama nabantwana bakho. Sebenzisani loo mifanekiso ukuze niziqambele amabali amaninzi kangangoko kunokwenzeka!

**4 Add some words.** Choose a wordless picture book with your children. Use the pictures to make up as many different stories as they can!

**5 Fundani ibali naphi na.** Fumanani amabali ngolwimi eniluthetha ekhaya kwiselfowuni ngokuya kwiwebhusayithi yakwaNal'ibali ethi: [www.nalibali.org](http://www.nalibali.org) okanye nithumele igama elithi "stories" ngoWhatsApp kule nombolo 0600 44 22 54.

**5 Read a story anywhere.** Enjoy stories in your home language on your cell phone by going to the Nal'ibali website, [www.nalibali.org](http://www.nalibali.org), or by WhatsApping "stories" to 0600 44 22 54.



**6 Yila ikhava.** Njengentsapho, yila ikhava yencwadi entsha yelona bali baliithandayo ebonisa oko bakuqondayo nabakuthandayo ngelo bali.



**6 Design a cover.** As a family, design a new book cover for their favourite storybook that shows what they understand and love about the story.

**7 Bhalani iinkumbulo zenu.** Zobani imifanekiso, nifote, nisque amagama kumaphephandaba nakwiimagazini, nize nongeze awenu amagama ukuze nenze ipowusta ethi: *Ixesha esilichithe kunye njengentsapho.*

**7 Record your memories.** Draw pictures, take photographs, cut out words from newspapers and magazines, and add your own words to create a poster called: *Our family time together.*



**8 Linganisani.** Linganisani ibali elibangela imincili elinabalinganiswa ababangela umdla. Wena nabantwana bakho, bhalani phantsi into ethethwa ngumlinganiswa ngamnye uze ubavumele ukuba bakhethe ukuba bafuna ukuba ngubani! Sebenzisani izinto ezinjengeziqawenga zamaphepha, imathiriyali, iminqwazi, izihlangu okanye iimpahla ezinxitywayo njengempahla yeqonga.




**8 Act it out.** Act out an exciting story with interesting characters. With your children, write down what each character says and let them choose who they want to be! Use props like pieces of paper, material, hats, shoes or clothes.

## Indlela yokusebenzisa amabali ethu ngeendlela ezahlukeneyo

- 1. Balisela umntwana wakho ibali.** Lifunde ibali uze uziqhelanise nokulibalisa. Emva koko sebenzisa ilizwi, ubuso nomzimba wakho ukuze ubenze baphile abalinganiswa belo bali.
- 2. Mfundele ibali umntwana wakho.** Ncokolani ngemifanekiso. Buza, "Ucinga ukuba kuza kwenzeka ntoni emva kwale?" okanye "Ucinga ukuba uye wathini okanye wenza ntoni lo mlinganiswa?"
- 3. Funda ibali kunye nomntwana wakho.** Tshintshisanani ngokufunda ibali. Ungamlungisi xa ephazamile, uze umncede kuphela xa ekucelle.
- 4. Mamela umntwana wakho xa efunda.** Mamela ungamphazamisi. Mxelele ukuba uyakuthanda ukummamela xa ekufundela ngokuvakalayo.
- 5. Yenzani izinto ezikwindawo ethi Yenza ibali linike umdla!** Ukwenza ezo zinto nabantwana bakho kuza kuba mnandi kuwe nakubo.

## How to use our stories in different ways

- 1. Tell the story to your child.** Read and practise telling the story. Then use your voice, face and body to bring the story to life.
- 2. Read the story to your child.** Talk about the pictures. Ask, "What do you think happens next?" or "Why do you think the character said or did that?"
- 3. Read the story with your child.** Take turns to read the story together. Don't correct their mistakes, and only help if they ask for it.
- 4. Listen to your child read.** Listen without interrupting. Say that you enjoy hearing them read aloud to you.
- 5. Do the Get story active! activities.** This should be fun for you and your child.



Drive your imagination

# Kubagcini babantwana abancinci For caregivers of young children

**Dibana noNolwazi ovela kwaWordworks.**  
**Dibana noThandi, umgcin womntwana.**

**Meet Nolwazi, she's from Wordworks.**  
**Meet Thandi, a caregiver.**



Abantwana abancinci bafunda kwizinto ezibangqongileyo – bayamamela xa uthetha, ubalisa amabali, ucula naxa udlala imidlalo. Young children learn from the world around them – from hearing you speak, tell stories, sing and play games.

Ndifuna ukunceda umntwana wam ukuze ingqondo yakhe ikhule!  
I want to help my child's mind to grow!




Kulula kunokuba ucinga. Masibone ukuba ingakanani into ongamfundisa yona xa uhlamba iimpahla zakho!  
It's easier than you think. Let's see how much learning can happen while you wash your clothes!

1

## Thetha nabantwana bakho Talk with your children

"Molo! Usozela na? Awozeli? Ndiyakubona udlamkile! Intle loo nto, kuba kaloku kukho ezi mpahla zimdaka zingaka. Awufuni sihlambe iimpahla namhlanje?"

"Good morning! Are you still sleepy? No? You have lots of energy! Great, because look at all these dirty clothes. Shall we do laundry today?"



2

## Buza uze uphendule imibuzo Ask and answer questions

"Injani imozulu namhlanje? Oh, kuvuthuza umoya! Kunomoya namhlanje! Ucinga ukuba le mpahla iza kukhawuleza yome?" Ewe, iimpahla zethu ziza kukhawuleza zome kulo moya ushushu."

"What's the weather like today? Ah, the wind is blowing! It's a windy day! Do you think the washing will dry quickly? Yes, our clothes will dry fast in this hot, dry wind."



4

## Balisa amabali Tell stories

"Masithi umoya ubuvuthuza kakhulu ude umke neempahla zethu zinyuke ziye phezulu esibhakabhakeni zimke ziyokuwa phaya kwaMakhulu! Ucinga ukuba ebeza kuvakalelwa njani ngalo nto?"

"Imagine that the wind was so strong that it blew our clothes off the line and into the sky and all the way to Granny's house! How do you think she would feel about that?"



5

## Mkhuthaze azenze into okanye umntu othile Encourage role play

"Yenza ngathi uziimpahla. Zijije uze ujikeleze njengoko usimka nomoya esibhakabhakeni! Ngoku khawuzenze uMakhulu! Bonisa indlela aziva ngayo xa ebona iimpahla zethu zisehla esibhakabhakeni! Ewe, wothukile!"

"Pretend you are the clothes. Twist and turn as you blow through the sky! Now, you can be Granny! Show me how she feels when she sees our clothes flying down from the sky! Yes, she is surprised!"



**Dawunlowuda i-Wordworks app simahla kwi-Playstore ukuze ufumane okungakumbi!**

**Download the free Wordworks App from the Play Store for so much more!**

Building Literacy at home with

**Wordworks**



## Yandisa ithala lakho leencwadi.

### Zenzele iincwadana EZIMBINI onokuzisika-ze-uzigcine

1. Khupha iphepha lesi-5 ukuya kwele-12 kolu hlelo.
2. Uxwebhu olunamaphepha aqala kwelesi-5, elesi-6, ele-11 nele-12 lwenza incwadi yokuqala. Uxwebhu olunamaphepha aqala kwelesi-7, elesi-8, ele-9 nele-10 lwenza eyesibini incwadi.
3. Sebenzisa uxwebhu ngalunye kula mabini ukwenza incwadana. Landela imiyalelo engezantsi ukwenza incwadi nganye.
  - a) Songa uxwebhu phakathi kumgca wamachaphaza amnyama.
  - b) Phinda ulusongwe phakathi kwakhona ulandela umgca wamachaphaza aluhlaza.
  - c) Sika ke ngoku ulandela imigca yamachaphaza abomvu.



## Grow your own library.

### Create TWO cut-out-and-keep books

1. Take out pages 5 to 12 of this supplement.
2. The sheet with pages 5, 6, 11 and 12 on it makes up one book. The sheet with pages 7, 8, 9 and 10 on it makes up the other book.
3. Use each of the sheets to make a book. Follow the instructions below to make each book.
  - a) Fold the sheet in half along the black dotted line.
  - b) Fold it in half again along the green dotted line.
  - c) Cut along the red dotted lines.



Drive your imagination

[www.nalibali.org](http://www.nalibali.org)

[www.nalibali.mobi](http://www.nalibali.mobi)

[nalibaliSA](https://www.facebook.com/nalibaliSA)

[@nalibaliSA](https://twitter.com/nalibaliSA)



UNksz Merlon uyancuma. Ufana naba bantwana, yaye uyabathanda abantwana. Njengabo, uza kuyichitha yedwa iholide yehlobo, efunda enye incwadi emva kwenye, efumana abahlobo nenkumbulo ezimnandi kumaphapha encwadi. UCarlo uphakama ngenxolo. “Yizani madoda, uTitshalakazi unomsebenzi amakawenze.” Batsho bahambe, ize ikhosi ivakale incisizungu ngapheszu kokuba ibinjalo phambi kokuba bakhe.

This story is an adapted version of *Happy Festive, Ms Merlon!*, published by Cadbury in partnership with Nal'ibali as part of the Cadbury Dairy Milk #InOurOwnWords initiative. Each story is available in the eleven official South African languages. To find out more about the Cadbury Dairy Milk #InOurOwnWords initiative titles go to <https://cadbury.one/library.html>

Eli bali yinguqulelo elungiselelweyo ka-*Ube nexesha leeholide, elimnandi Nkosazana Merlon!* epapashwe nguCadbury ebambisene noNal'ibali njengenxalenye yephulo lika-Cadbury Dairy Milk #InOurOwnWords. Iballi ngalinye lifumaneka ngeelwimi ezili-11 ezigunyazisiweyo zoMzantsi Afrika. Ukufumanisa ngakumbi ngezihloko zephulo lika-Cadbury Dairy Milk yiya ku-<https://cadbury.one/library.html>

### Get story active!

- ★ Write a poem about the festive season.
- ★ Carefully read through the story again. Find the words and sentences that tell you something special about Shahieda, Carlo and Kyle.
- ★ Role play the following actions:
  - ☆ children sharing their sandwiches hungrily
  - ☆ teachers frowning in the sunshine
  - ☆ children ducking away from teachers

### Yenza ibali linike umdla!

- ★ Bhala umbongo ngexesha leeholide.
- ★ Lifunde ngenyameko ibali kwakhona. Fumana amagama nezivakalisi ezikuxelela into ekhethekileyo ngoShahieda, uCarlo noKyle.
- ★ Linganisani ezi zenzo zilandelayo:
  - ☆ abantwana babelana ngeesandwich zabo becaca ukuba balambile
  - ☆ ootitshala bafinge iintshiyi elangeni
  - ☆ abantwana abazimela kootitshala

Nal'ibali is a national reading-for-enjoyment campaign to spark and embed a culture of reading across South Africa. For more information, visit [www.nalibali.org](http://www.nalibali.org)



UNal'ibali liphulo likazwelonke lokufundela ukuzonwabisa elinjongo yalo ikukuvuselela nokwendiselisa inkubeko nesithethe sokufunda kuMzantsi Afrika uphela. Ukuze ufumane iinkcukacha ezithe vetshe, ndwendwela ku-[www.nalibali.org](http://www.nalibali.org)



Drive your  
imagination

Ms Merlon smiles. She is like these children, and she likes these children. Like them, she will spend the summer holiday alone, reading one book after another, finding friends and good memories between the pages. Carlo gets up noisily. “Come guys, Miss has work to do.” Then they are gone and the class feels emptier than it had been before they arrived.



## Happy festive, Ms Merlon!



## Ube nexesha leeholide, elimnandi Nkosazana Merlon!

Sam Beckbessinger • Amy Slatem  
• Natalie Pierre-Eugene

**Ideas to talk about:** Ms Merlon lives alone. Who do you live with? How do you and your family celebrate the festive season?

**Izinto eninokuthetha ngazo:** UNksz Merlon uhlala yedwa. Uhlala nabani wena? Wena nosapho lwakho nilibhiyozela njani ixesha leeholide?



As the school year comes to an end, the summer festive season dials up. Exams are finished, so most of the children with internet stay home to play computer games, even though school is not officially closed. But the children of Grade 5E are mostly here. These are the naughty, noisy, laughing children who share their sandwiches hungrily, and who depend on each other for company.

Isingqala ngaxeshanye. “Yhoouoo, T’rshalakazi. Isikolo kaloku siphelile kulo nyaka,” akhalaze uShahieda. “Awukhe uphole!” uvakala egeza kodwa enoncumo ebusweni bakhe. “Ewe, kunjalo,” aphendule uNkosazana Merton ngobubele, “yile nto ndiniphathale izinto zokufunda. Yeyona Ndlela ifanekileyo yokuphumza iingqondo zenu. Ukufunda kukuvumela ukuba utyelele enye indawo, indawo yokonwaba ezaliswe kukuhleka, abahlobo nosapho.” “Ukuhleka nosapho azisoloko zihamba kunye.” NguCarlo lowo, okrelekrele esikolweni, kodwa usapho lwakhe alubonakali lukhathala kangako ngaloo nto. “Ngoko ke wenza ntoni ngegesha lokonwaba, T’rshalakazi,” uKylie usebenzisa awona magama ambalwa. Intsiza-senzi, izichazi nezibizo ezimbaxa ziyalahla. Ukylie ukholelwa kububele babanye ukuzalisa loo nto ishiyelelweyo kwintetho yakhe.



It is the last day of school. Ms Merton is packing away her charts and posters when she hears excited noises drawing closer to her classroom. Then they are there, suddenly quiet and shy.



“Bendisazil! Isikolo yinkcitha-xeshal! Akukho nto nomdla ikhe yenzeke,” wambombozela ul’indiwe. UZama wabona ukuba uNkosikazi Dlamini ukuvile oku. Walubona uthakazelelo lusimka emehlweni akhe, kushiyeka udano lodwa. Kusenjalo, uZama wafikelwa licebo elihle kakhulu. Waphakamisa isandla sakhe, engakrazisa iminwe yakhe. UNkosikazi Dlamini wathi, “Ewe, thetha kamsiyane, Zama! Kufuneka sicoce bonke obu bumdaka ngokukhawuleza.”

“Khawume kancinci tishalakazi! Singawenza lo msebenzi,” watsho uZama. “Singasibenzisa eziya zinto zilahlwe phaya ethafeni xa ushla ngendlela. Nceda usise khona. Singabenza abalinganiswa bephu ngeziya zinto. Baza kohluka, kodwa baza kusebenza kakuhle kanye njengcepapethi zendama!”

Abantwana bafikelwa ngumda kwakhona. UTebogo walixhasa eli cebo likaZama. “Ewe – lihle kakhulu eli cebo likaZama. Kananjalo singakhangela nasemakhanya ezinye izinto esimokuzisibenzisa.”

Ekuqaleni uNkosikazi Dlamini wayekhangeleka ethandabuzwa, kodwa wathi akubona indlela abachulumance ngayo abantwana wathi, “Mandiy e kwinqununu ndiy e kuqonda ukuba singakwenza na oko kugala.”

“I knew it! School’s always useless! Nothing interesting ever happens,” Lindiwe muttered.

Zama saw that Mrs Dlamini had heard this. She saw the sparkle leave Mrs Dlamini’s eyes.

Suddenly, Zama had a brilliant idea. She shot her hand into the air, waving her fingers. Mrs Dlamini said, “Yes, be quick, Zama! We must tidy this mess away.”

“But please! We can still do this,” said Zama. “We can use that stuff dumped in the field down the road. Please take us. We can make characters from that. They will be different, but they will work just as well as the mushy puppets!”

The children brightened. Tebogo supported Zama. “Yes – Zama’s idea is great. We can also look at home for things to use.”

At first Mrs Dlamini looked a little unsure, but when she saw how excited the children were, she said, “Let me just go check with the principal.”

**HEARTLINES**  
The Centre for Values Promotion



For more information, please email [info@heartlines.org.za](mailto:info@heartlines.org.za) or phone 011 771 2540.

Xa ufuna inkcazelo engakumbi nceda uthumele i-imeyili kwiadresi ethi [info@heartlines.org.za](mailto:info@heartlines.org.za) okanye ufowunele kule nombolo 011 771 2540.

### Get story active!

- ★ Zama is really good at solving problems! Make a list of all the different problems she solved in the story.
- ★ Think of an interesting person you like. What would you use to make a puppet of that person? Draw the puppet that you would make.
- ★ Use waste materials to make different puppets and then make up stories about them.

### Yenza ibali linike umdla!

- ★ UZama ulichule ngenene ekusombululeni iingxaki! Yenza uludwe lwazo zonke iingxaki aye wazisombulula ebalini.
- ★ Cinga ngomntu obangela umdla omthandayo. Ubungasebenzisa ntoni ukuze wenze upopayi walo mntu? Zoba upopayi obungamenza.
- ★ Sebenzisa inkunkuma enjengeziqwenga zamaphepha ukuze wenze oopopayi abangafaniyo uze usebenzise abo popayi ukuze uqambe amabali.

Nal’ibali is a national reading-for-enjoyment campaign to spark and embed a culture of reading across South Africa. For more information, visit [www.nalibali.org](http://www.nalibali.org)



UNal’ibali liphulo likazwelonke lokufundela ukuzonwabisa elinjongo yalo ikukuvuselela nokwendeliselisa inkcubeko nesithethe sokufunda kuMzantsi Afrika uphela. Ukuze ufumane iinkcukacha ezithe vetshe, ndwendwela ku-[www.nalibali.org](http://www.nalibali.org)



Drive your  
imagination

## Zama and the clean-enough-stuff



## UZama kunye nezinto ezicoceke ngokwaneleyo

Fiona Jackson • Diek Grobler

**Ideas to talk about:** Read the story title. What do you think clean-enough-stuff could be? Look at the picture on the cover. What do you think Zama is making?

**Izinto eninokuthetha ngazo:** Funda isihloko seballi. Ucinga ukuba ziintoni ezi zicoceke ngokwaneleyo? Jonga umfanekiso okwikhava. Ucinga ukuba wenza ntoni uZama?



“STOP THAT!” Something stung Zama’s neck. She swung round and saw Tebogo grinning at her. “Stop that!” she hissed.

But at least it was a distraction. School was so boring sometimes. Reading was great. Meeting school friends was fun. Swapping funny jokes and teasing boys was fantastic. But most lessons were boring.

Zama turned away from Tebogo to listen to Mrs Dlamini, who was saying, “... collect your papier-mâché. One tub per group. Go outside and make a puppet of an interesting person. Then each group must plan a show. Introduce your characters. Make them say and do things. Work out a short play. Okay, Zama, Lindiwe and Tebogo, you are Group 1. Come.”

Three weeks later, they held their show in front of all the Grade 6 classes, their teachers and the principal. Zama made Booth kick a soccer ball right through Mama Khulu’s window! Lindiwe made Mama Khulu chase him, shouting, all the way down the street. Tebogo had Nkosikazi Khuzwayo praising Booth’s “shooting” skills to the skies. Everyone laughed.

Mrs Dlamini walked to the front of the hall. With an enormous smile, she said, “You children are just wonderful! Zama, thanks so much for keeping our project fresh and for teaching us that wonderful opportunities can grow out of disasters!”

Emva kweeveki ezintathu, babamba umboniso wabo phambi kwazo zonke iiklasi zeBanga le-6, ootitshala babo kunye nenqununu yabo. UZama wenza ukuba uBooth akhabe ibhola ukuze yophule ifestile kaMama uMkhulukazi! ULindiwe wenza ukuba uMama uMkhulukazi amsukele, emkhwaza ukuhla ngesitalato, emtyityimbisela unondyandywa wemvubu. UTebogo wenza ukuba uNkosikazi Khuzwayo abonge uBooth ngezakhono zakhe “zokukhaba” xa ekhabela ibhola esibhakabhakeni. Wonke umntu wahleka.

UNkosikazi Dlamini waya ngaphambili eholweni. Etsho ngoncumo olubanzi, wathi, “Nina bantwana bam niyamangalisa! Zama, enkosi kakhulu ngokuyenza ntsha iprojekthi kunye nokusifundisa ukuba kukho amathuba amangalisayo anokucela kwintlekele!”

Bayicinezela. Bayityikila. Bayiqengqa. Kodwa loo ntama yayingancamatheli. Yayiphihlaka iwe kuphahla lwezo ngingo zithambileyo zabo, kancinane, kalusizi. Baphinda bazama. Baphinda bazame kwakhona.

“Andikwazi kuyenza le nto. Ayenzeki tu. Bububhanxa bodwa obu. Ndidikawe ma ngoku!” wambombozela watsho uTebogo. Wavuthulula iminwe yakhe edikawe. Indama yataka isuka esandleni sakhe yaya kuthi ngcu kwishiya likaZama. UZama wamthi jezu ngomlando uTebogo.

“Ndisaya kubiza uNkosikazi Dlamini,” watsho ulindiwe waze wabalaka wemka.

Wonke umntu wayesokola ukuncamathelisa loo ntama. Kwakuvakala nje izandi zomlando, udano nonxungphalo. UZama wabona uNkosikazi Dlamini esiza ngakubo. Wayekhangeleka elusizi. Ukugala kwesti sifundo uNkosikazi Dlamini wayebonakalisa olukhulu uchulumanco nothakazelelo. Ngoku wayengathi yibhaloni egqabhukileyo, etsisa kancinci umoya. UZama wayemsisizela uNkosikazi Dlamini. Wayemthanda kakhulu lo tshahalakazi. Ngethuba uZama awayesonga ngalo utata wakhe, uNkosikazi Dlamini wayenomonde nobudele ngakuye. Wayemthumela umsebenzi wesikolo ukuze awenze esekhaya kwaye wayemkhuthaza ukuba angatyhafi.

UNkosikazi Dlamini waqhwaba izandla zakhe ebabizela kuye abantwana. “Ndicela uxolo, bantwana bam. Andazi ukuba kutheni le ntama ingancamatheli. Bendigala nam ukuyenza. Kuza kufuneka ndiphinde ndifonge itesipi yayo. Kodwa ke okwalo mzuzu, yibani nibachaza abantu benu enibakhethileyo ngokubhala ngabo ezincwadini zenu.” Abantwana bancwina. Babebuyela kwakwezo ncwadi zibadikileyo!

Wabuya encumile. Abantwana bavuya bekhwaza, beqhamba izandla.

Ethafeni bachola izinto ezicocoke ngokwaneleyo. Babeziphakamisa phezu elangeni ibhotele. Bevuthulula iiplastiki zokusongela izinto, zingathi ngamaphiko. Batsala iziqwengana zengxowa endala, iiplastiki kunye namalaphu. Babekroxomisa iziciko zeebhotele. Betsalatsala iziqwengana zemitya ncentambo zombane ezindala. Babencokola behleka njengokuba badenemifanekiso ntelekelelo yokugquqlwa kwenkunkuma isenziwa igquba labalinganiswa abahlakisiyo, abombeleyo, aboyikekayo, nabamangalisayo.

She came back smiling. The children cheered. In the field they picked out clean-enough-stuff. They held bottles to the sunlight. They flapped bubble wrap like wings. They pulled out pieces of old sack, plastic and cloth. They jingled bottle caps. They tugged at pieces of string and old cables. They chatted and laughed as they imagined the waste changing into crowds of funny, strong, scary, wonderful characters.



They pressed. They rubbed. They rolled. But it would not stick. It dripped off the wire, slowly, sadly. They tried again. And again.

“I can’t do this. It’s not working. This is so stupid. I’m sick of it!” Tebogo growled. He flicked his fingers in frustration. Some paste flew off his hand and stuck to Zama’s eyebrow. Zama flashed Tebogo an angry look. “I’m getting Mrs Dlamini!” Lindiwe said and ran off. Everyone was struggling with their paste. Sounds of anger and frustration filled the air. Zama saw Mrs Dlamini walking towards them. She looked sad. When the lesson started, Mrs Dlamini had been full of energy. Now she looked like a balloon with the air puffing slowly out of it. Zama felt bad for Mrs Dlamini. She liked this teacher. When Zama had had to nurse her sick father, Mrs Dlamini had been very kind to her. She had sent work home for Zama and had encouraged her to keep going.

Mrs Dlamini clapped her hands to call them. “I am sorry, children. I do not know why the paste isn’t working. Making it is new to me. I will have to check the recipe. But for now, just describe your people in your books.” The children groaned. Back to boring old books!

Tebogo tried to work with the string and the stocking, but it drove him crazy! Then he saw a cooldrink bottle with a tennis ball next to it. The ball had a hole in it. He jammed the ball on top of the bottle for a head. Some bubble wrap made a cloak. He collected wire and took it home. His uncle helped him hammer holes in the middle of bottle tops which he then threaded onto the wire. He tied the bottle tops around the middle of the bottle. He unravelled string and glued it to the head, adding some small beads to the ends. Then he proudly presented imbongi Nkosikazi Khuzwayo!

UTebogo wazama ukusebenzisa imitya kunye neekawusi, kodwa oko kwakumphambanisa! Kusenjalo wabona ibhotile yesiselo kunye nebhola yokudlala intenetya ecaleni kwayo. Le bhola yayinomngxuma. Wathatha ibhola wayifaka emlonyeni webhotile ukwenza intloko. Wasebenzia iplastiki yokusongela izinto njengempahla. Waqokelela ucingo waza wagoduka nako konke oko. Umalume wakhe wamncedisa ukugqobhoza imingxuma kwiziciko zebhotile ngehamile waza wazidibanisa ngocingo. Ezo ziciko wazibophelela esinqeni sebhotile. Wathatha imitya wayincamathelisa entloko ngegglu, efakela namaso ekugqibeleni. Emva koko wazingca xa abonisa ngembongi yakhe enguNkosikazi Khuzwayo!




“NDIYEKE TORHO!” Kwabakho into eyaluma uZama entanyeni. Waguquka ngokukhawuleza ebheka waze wabona uTebogo emncumele. “Ndiyeke torho!” watsho efutha.

Kodwa ke kwakungcono neso siphazamiso. Kaloku isikolo sasidika kakhulu ngamanye amaxesha. Ukufunda kona kwakumnandi kakhulu. Ukudibana nabahlobo esikolweni nako kwakumnandi. Ukuqhulana nokuncitha amakhwenkwe kwakumnandi ngeyona ndlela. Kodwa izifundo ezininzi zazikruqula.

UZama wafulathela uTebogo ukuze aphulaphule uNkosikazi Dlamini, owayesathi “... thathani intlama yephepha yenu. Isitya sibe sinye kwiqela ngalinye. Phumani phandle nenze ipapethi yomntu eninomdla kuye. Emva koko ke iqela ngalinye kufuneka liyile umboniso. Kufuneka liqale lazise abalinganiswa balo. Kufuneka libenze bathethe kwaye benze izinto. Yenzani umdlalo weqonga omfutshane. Kulungile ke, Zama noLindiwe noTebogo, niliqela lokuqala. Yizani.”



“Ulama uMkhulukazi! Tho mkhulu kakhuluu! Kwaye wombele  
kakhuluu! Xa amakhwenkwe emshika phaya  
kwaKhe, uyawakhwaza awangxolise. Emva  
koko athi cwaka. Ayayazi! Ekhe nje enza  
inkathazo, uthi thuthu imvubu yakhe  
awaleqe awagxolhel! Ndiza  
kumenza ebambede izandla  
zakhe esingeni, ngolu hlobo?”  
Bafaka izandla zabo esityeni sabo  
bakha loo ndama. Yayincangathi,  
ingcikal Bayincamathelisa  
kuphahla locingo lwabo.



Uzama wabamba ulindiwe ngesandla. “Yiza, khawuleza. Ingaba  
akumandanga oku? Ndiza kwenza uBooth. Umalume wam uthi ngumbulali  
wokwene. Wenze izinto ezimangalisayo.”  
“Ngubani uBooth? Andifuni kwenza bali lokubulala ma?” kwatsho ulindiwe.  
“Akulio olo hlobo lombulali! Ungomnye wabadlali basemva kwigela leBafana  
Bafana.” kuhleka uzama.  
Baya kuloo emele, apho ulNkosikazi Dlamini wayatsho ngoluhle uncumo lo  
gama agalida icephe lendama eneziglalaxa kweso sitya sabo.  
“Yintoni le?” kwabuza ulTebogo.  
“Yindama yephepha,” kwatsho ulNkosikazi Dlamini. “Xa uyenza uthatha  
ibhokisi zamaganda uzikrazule ugalede amanzi, iyuwa nomgubo wengqolowa  
uzamse, uculha konke. Ngoku ke phumani phandle nize ngobe ucingo  
oluthambileyo nenze imilo yomlinganiswa wenu. Nize nincamathelise le  
ndama kolo cingo ukuze abonakale umlinganiswa wenu ukubha ngubani na?”  
Bonke baphuma phandle bebhakazela ukugqalisa. Bagoba inkathazo zabo  
zocingo oluthambileyo besenza uphahla lomzimba.  
“Wenza bani?” uzama wabuza ulindiwe.

Zama took Lindiwe’s hand. “Come, quickly. Isn’t this good?  
I am going to make Booth. My uncle says he’s a killer. He’s done  
amazing things.”

“Who is Booth? I don’t want to make up a murder story!”  
said Lindiwe.

“He’s not that kind of killer! He is a Bafana Bafana defender,”  
Zama laughed.

They went up to the bucket, where Mrs Dlamini was smiling  
warmly as she plopped a spoonful of lumpy goo into their tub.

“What’s this?” Tebogo asked.


“It is papier-mâché,” Mrs Dlamini said. “To make it, you mash  
up egg boxes, water, salt and flour. Now go outside and shape the  
chicken wire into your character. Then paste this goo around the  
chicken wire to bring your character to life.”

They all hurried outside and were keen to start. They bent bits of  
chicken wire to make skeletons.

“Who are you making?” Zama asked Lindiwe.

“Mama Khulu! She is soooo big! And soooo strong. When any  
of the guys gets cheeky with her at her place, she shouts at them  
loudly. Then they shut up. They know! Give her trouble and  
she will whip out her sjambok and chase you away! I will  
make her with her hands on her hips, like this.”


They dipped their hands into their tub and  
scooped up the paste. It felt sticky and messy!  
They put it onto the wire.




Back at school, Zama spiralled brown string round and round  
her long wire skeleton. She wound fatter rope over and over  
for the head and chest. She made muscled arms and legs. Later,  
at home, her granny found small scraps of yellow and green  
cloth. She helped Zama make Booth’s Bafana soccer kit.  
Ukubuyela kwabo esikolweni, uzama wajijela umtya obrawuni,  
ethandela uphahla lomzimba wocingo. Wabopha ethandela  
intambo etyebileyo, esenza indoko nesituba. Wenza ingalo  
ezindembelele nemilenze eneziga. Ukuphuma kwesikolo,  
ekhaya, umakhulu wakhe wafumana iziqwengana zamalahpu  
ayiheli kunye naluhlaza. Wancedisa uzama ukwenza impahla  
yokudlala kaBooth yegela leBafana Bafana.

Lindiwe tied sticks together for Mama Khulu’s skeleton – they were  
smooth, curved and strong. She tied two old, scratched marbles into  
some stocking and wound them onto the chest stick. They became  
big, bouncy breasts. She put a round pebble inside another piece of  
stocking. Around it she twirled more old stocking, making the head.  
Then she squashed some bubble wrap into small balls. She balanced  
these carefully on the upper sides of the leg sticks to make hips. She  
wound more stocking around the hips. When she had finished, her  
figure looked just like Mama Khulu! Curvy, sturdy, strong!

Ulindiwe wadibanisa izinti wazibophelela, wenza  
uphahla lomzimba kaMama uMkhulukazi –  
zazigudile, zingqukuva kwaye zomelele. Wadibanisa  
amabhastile amabini anemikrvelo ngekawusi  
waze wawabophelela esifubeni. Yaba ngamabele  
amakhulu ashukumayo. Wafaka ilityana elingqukuva  
kwesinye isiqwengana sekawusi.  
Wathandela ezinye iikawusi ezindala kuyo, esenza intloko.  
Waze ke washwabanisa  
iplastiki yokusongela izinto  
wayenza yaziibhola ezincinane.  
Wakuxhasa ekulungelelanisa  
oku ngononophelo ngentla  
kwemilenze, esenza amahleza.  
Wathandela ezinye iikawusi kuloo  
mahleza. Ukugqiba kwakhe,  
umlinganiswa wakhe wafana  
nqwa noMama uMkhulukazi!  
Eyiloo ngqukuva, yomeleleyo  
nenamandla!





Lusuku lokugqibela lwesikolo.  
 UNkosz Merlon upakisha  
 itshathi nepowusta zakhe xa  
 esiva ingxolo echulumancileyo  
 isondela kwiklasi yakhe.  
 Nabo bakhona, ngesiquphe  
 bethule beneentloni.

Ms Merlon's Christmas table is set for one. Between the salad and a small bouquet stands a plain frame with a photo of the Grade 5E learners holding a poster: *Happy Festive, Miss! Your our best teacher.* The present came with a Festive Gingerbread chocolate and a card from her naughty, noisy, laughing children. Ms Merlon laughs. Never mind the spelling error. She thinks it's the best gift she's ever received.

Itafile yeKrisimesi kaNkosz Merlon ilungiselelwe umntu omnye.

Phakathi kwesaladi nenkatha encinane yeentyatyambo kumi isakhelo esincinci esinefoto yabafundi beBanga 5E bebambe ipowusta:

*Ube nexesha elimnandi leebolide, Tishalakaazi! Ungoyena titshala wethu ugqwesileyo.* Isipho sihamba ne leTshokholethi ye-Festive Gingerbread nekhadi elisuka kubantwana bakhe abagezayo, abangxolayo, abahlekayo. UNksz Merlon uyahleka.

Angasihoyi isiphene sopelo. Ucinga ukuba sesona sipho sibalaseleyo awakha wasifumana.



A collective sigh. "Thoooo, Miss. School's *mos* finished for the year," complains Shaheda. "Don't you ever just relax?" She sounds cheeky but she has a friendly smile on her face. "Yes, I do," answers Ms Merlon kindly, "which is why I brought some things for you to read. It's the best way to clear your mind. Reading allows you to go somewhere else, some happy place filled with laughter, friends and family." "Laughter and family don't always go together." That's Carlo, who's brilliant at school, but his family doesn't seem to care very much about that. "So what you doing for the festive, Miss?" Kyle uses as few words as possible: auxiliary verbs, adjectives and compound nouns are discarded. Kyle believes in the generosity of others to fill in what is missing in his speech.

Njengoko ixesha lesikolo lonyaka lisiya ekupheleni, ixesha lokonwaba lehlobo liyasondela. Iimviwo zigqityiwe ngoko ke abantwana abaninzi abane-intanethi emakhaya bahlala emakhaya ukuze badlale iimidlalo yekhompyutha, nangona izikolo singekavalwa ngokusemthethweni. Kodwa ubuninzi babantwana beBanga 5E baselapha. Aba ngabantwana abagezayo, abanengxolo, abahlekayo ababelana belambile ngezonka zabo ezihlohliweyo, yaye baxhomekeke omnye komye ukuchithisana isithukuthezi.





They run around the school grounds, ducking away from teachers who frown in the sunshine and shout at them to “get inside” the stuffy classrooms at the end of break. Grade 5E runs into Ms Merlon’s classroom as usual. “I’ve brought some books and magazines for you to read,” she says to the group of friends who are chattering about their plans for the summer holiday.

Babaleka bajikeleze esikolweni, bebaleka ootitshala abafinga iintshiya bephandlwa lilanga nababamemeza besithi “ngenani ngaphakathi” eziklasini ezixineneyo ekupheleni kwexesha lekhefu. Abafundi beBanga 5E babalekela kwiklasi kaNkosazana Merlon njengesiqhelo. “Ndiniphathele iincwadi neemagazini zokuba nifunde,” utsho kwiqela labahlobo abancokola gezicwangciso zabo zeeholide zehlobo.



Kyle steps forward. He *would* be the spokesperson. “For you,” he says holding out a clumsily wrapped package. While Ms Merlon struggles to say the words that fill her heart, Shahieda whips out a big container, spoons and saucers. “Michelle made it,” she says, passing around generous helpings of cheesecake tart. “It’s supposed to have rum and raisin chocolate on top, but we like the butterscotch and almond slab more.” And then they are gone again. But this time they leave behind the joy that comes from sharing. And the crumpled covered gift.

UKyle uyasondela. Uza *kuba* sisithethi sabo. “Yeyakho,” utsho enikezela ipasele esongwe kakubi. Logama uNkosazana Merlon asokolayo ukuthetha amazwi azalise intliziyo yakhe, uShahieda ukhupha isikhongozeli esikhulu, amacephe neesos. “Yenziwe nguMichelle,” atsho, ehambisa izilayi ezikhulu zethathi eyenziwe ngesonka samasi. “Ibimelwe ukuba inetshokholethi eneram neereysins ngaphezulu, kodwa sithanda ngakumbi icwecwe lebhathaskotshi ne-almondi.” Baphinde bahambe kwakhona. Kodwa ngeli ityeli bashiya ngasemva uvuyo oluzalwa kukwabelana. Kunye nesipho esigqunywe ngokushwabeneyo.



# Amakhadi ezilwanyana



Ncamathelisa eli phepha kwikhadibhodi uze usike umfanekiso ngamnye ukuze ube neseti yamakhadi okudlala. Beka loo makhadi nemiyalelo kwindawo ekhuselekileyo ukuze ukwazi ukudlala le midlalo nomntwana wakho nanini na ufuna.

- Thatha ikhadi libe linye ngexesha uze uthethe nomntwana wakho ngeso silwanyana. Buza: Yintoni igama laso ngolwimi lwakho nangolunye ulwimi? Sithini xa sikhala? Sihlala phi? Sitya ntoni? Ngaba likho ibali ongalibalisa ngesi silwanyana?
- Xa uqinisekile ukuba umntwana wakho uzazi zonke izilwanyana, dlalani le midlalo.
  - **Umdlalo wokuqashisa:** Khetha ikhadi libe linye kodwa ungambonisi umntwana wakho umfanekiso okulo. Yithi: Ndinga ngesilwanyana ... Mchazele izinto ezingamenza asazi esi silwanyana, uze uvumele umntwana wakho aqashise ngegama lesi silwanyana othetha ngaso. Umzekelo: Esi silwanyana sitya ingca kwaye sivelisa ubisi (inkomo) okanye Sisilwanyana esikhulu kakhulu esisela amanzi ngomboko waso (indlovu).
  - **Umdlalo ka-snap:** Washofule amakhadi uze ubanike uwajongise phantsi kwaye wonke umntu afumane inani elilinganayo lamakhadi. Ungalijongi ikhadi xa ulithatha. Wonke umntu ufumana ithuba lokuguqula ikhadi alibeke phezu kwekhadi lomnye adlala naye. Ukuba ikhadi lakho liyafana nekhadi eliphezulu kwimfumba yamakhadi, yithi "SNAP!" Umntu othi "SNAP!" kuqala, uthatha onke amakhadi akulo mfumba. Umdlali onawo onke amakhadi nguye ophumeleleyo.
  - **Umdlalo wokukhumbula:** Shofula amakhadi uze uwajongise phantsi uwadwelise abe yimigca omnye ezantsi komnye. Abo badlala lo mdlalo bayatshintshana ngokuguqula amakhadi amabini ajonge phezulu. Ukuba imifanekiso yawo iyafana, lo mdlali uyawagcina lo makhadi. Ukuba ayifani, uphinda awajongise phantsi lo makhadi aze umdlali olandelayo aguqule amakhadi amabini. Oyena mdlali unamakhadi amaninzi nguye ophumeleleyo.



# Animal Cards



Paste this page on cardboard and then cut out each picture so you have a set of playing cards. Put the cards and instructions in a safe place so that you can play these games with your child whenever you want to.

- Take one card at a time and talk to your child about the animal. Ask: What is its name in your home language and in another language? What sound does it make? Where does it live? What does it eat? Can you tell a story about this animal?
- When you are confident that your child knows each animal, play these games:
  - **Guessing game:** Choose one card but don't show your child the picture. Say: *I am thinking of an animal ... Give clues about the animal, and let your child guess the name of the animal you are talking about.* For example: *This animal eats grass and gives us milk (a cow) or This is a very big animal that drinks water with its trunk (an elephant).*
  - **Snap game:** Shuffle the cards and hand them out face down so that each player has the same number of cards. Don't look at the cards when you pick them up. Each person has a turn to put a card face up on top of the other player's card. If your card is the same as the card on top of the pile, say "SNAP!" The person who says "SNAP!" first, takes all the cards in the pile. The player with all the cards is the winner.
  - **Memory game:** Shuffle the cards and put them face down in rows one below the other. The players take turns to turn two cards face up. If the pictures match, the player keeps the cards. If they don't match, turn the cards face down again and the next player turns two cards face up. The player with the most cards is the winner.





# Isopholo KaMvolofu



Kubalisa uGriselda Jacobs ■ Imizobo izotywe nguVian Oelofsen

Kwavakala umkhulungwane ongxolayo ehlathini njengoko uMvolofu wayevuka emva kokulala ubuthongo obumnandi ngezolo.

"Enjani ukuba ntle yona imini," watsho uMvolofu. "Molweni, nonke bahlobo bam abancinci nani nonke bahlobo bam abakhulu," watsho ebulisa ezinye izilwanyana. "Nilonwabele eli langa lithe qhakra kamnandi namhlanje. Sezelani umoya omyoli. Nikhangele kuyo yonke indawo de nifumane okona kutya kunencasa," watsho ngelizwi elinobuhlobo obubaxiweyo.



Kaloku, uMvolofu wayeza kutya esinye sezo zilwanyana njengesopholo ngobo busuku! Wagqiba ekubeni angatyi nto imini yonke. Wayeza kuthi ke, phaya emva kwemini, alambe kakhulu aze aphume aye kuzingela eyona nyama inencasa. Ekugqibeleni, wakhwaza, "Nibe nemini emnandi, bahlobo! Sakuphinda sibonane." Wathi qhuzu ehleka yedwa njengoko wayehamba.

UMvolofu wayedumzela eziculela ingoma yovuyo njengoko wayenkunkca esiya kwidama ezisela amanzi kulo izilwanyana. Amanzi ayecwengile kwaye epholile. Wasela kangangoko anako. Emva koko wakhangele indawo aza kulala kuyo kwingca efukufuku ephantsi kwethunzi lomthi omkhulu oluhlaza.

UMvolofu waphupha kamnandi eza kutya ukutya okuluncuthu ngalo mini. Ngokuqinisekileyo yayiza kuba liqatha lenyama egcadiweyo elilingana nelikaKumkani uNgonyama ngobukhulu! UMvolofu wancuma yedwa esebuthongweni.

Lithe ilanga xa litshona uMvolofu wavuka ebuthongweni bakhe. Wazolula ezolulile egxotha ubuthongo kulo mzimba wakhe ulambileyo. Emva koko wakhamsa waza waphinda wawuvala umlomo wakhe kaliqela ukuze alolonge umhlathi wakhe ukuze akwazi ukuluma ixhoba lakhe kwindawo efanelekileyo.

"Hay' ke, lixesha lokuba ndiyokhangele isopholo yam," watsho uMvolofu. "Ndilambe ngathi ndinguMvolofu, he-he-he," wahleka de umzimba wakhe wadlikidleka.

Kangangomzuzwana, uMvolofu wazibuza ukuba uza kuya kweliphi icala. Athini aye ekhohlo okanye ekunene xa efika kula mithi mide? Wabona ilitye elisicaba kwingca ethambileyo. Elinye icala lalingwevu, elinye limnyama. "Hekeeee!" wakhwaza. "Ndiza kuphosa eli litye emoyeni, xa liwe ngombala ongwevu ndiya ekhohlo ibe xa liwe ngomnyama ndiya ekunene." Ilitye lawa ngomnyama. Ngoko, ngaphandle kokulibazisa, uMvolofu wajika waya ekunene xa efika kwimithi emide. Wayetsibatsiba ngalo milenze yakhe njengoko wayenkunkca etyhubela kuloo mithi.

Kungekudala emva koko, uMvolofu wabona isilwanyana sokuqala esasinokuba lixhoba lakhe – impuku encinci engwevu yasendle.

"Hayi, incinci," wacinga watsho uMvolofu. "Ayinakwanela nokuba sisiqalo sesidlo sam."

UMvolofu wankunkca edlula, waza wabona ivukuthu. Eli vukuthu lalihleli phambi

komthi omkhulu, liqola umhlaba othambileyo likhangele imibungu.

"Mmmm, hayi soze," wacinga ngelishoyo uMvolofu. "Lincinci kakhulu, ndilambe nyhani! Ndiza kuba nomonde. Masibone ukuba ndiza kufumana ntoni phaya edamini ezisela kulo izilwanyana."

Njengoko uMvolofu wayesondela kwidama ezisela kulo izilwanyana wenza umkhulungwane ovakalisa uvuyo. Waphantse wangxola kakhulu! Kanye apho, phambi kwamehlo akhe, wabona umbono owawungakholeleki. Zonke iindidi zezilwanyana ezingalinganiyo ngobukhulu zazisela amanzi.

"Ngoku," wacinga watsho uMvolofu, "kuza kufuneka ndisebenzise amaqhinga."

Wachwechwa esondela waza walinda. Emva koko wasondela nangakumbi erhubuluzela ngesisu. Kwakufuneka alumke kuba izilwanyana zineempumlo ezibukhali ibe wayengafuni kubhaqwa nasesinye. UMvolofu warhubuluzela edlula kwisiqwenga sokugqibela sengca ende. Wayengakwazi nokuphefumla yimincili kuba kanye apho phambi kwakhe, kwakukho ithole lebhadi elalisela amanzi lizolile.

"Heke," uMvolofu wasebeza esitsho. "Ngoku lela litye litsolo emanzini amenyezelayo kuphela phakathi kwam nesidlo sam."

Uthe xa uMvolofu elitsibela, wacimela, wakhamsa waza waluma ngamandla. Kodwa kanye ngelo xesha, watyiwa yinyosi encamini yempumlo.



"Aaaawhu!" uMvolofu wenza umkhulungwane esiva iintlungu. Loo nyosi yayimtye kakhulu! Kodwa eyona ndawo yayibuhlungu ngumqala wakhe. "Kwenzeka ntoni kanti? Inyosi ayindityanga emqaleni nje!"

Emva koko uMvolofu wabona ukuba ela litye litsolo lalixinge emqaleni wakhe. Wayeliphosile elo bhadi waza waginya ilitye elitsolo endaweni yalo!

"Akwaba bendingacimelanga!" wagcuma watsho enomsindo njengoko wayenkunkca esimka egwencele umsila.

Kwelinye icala ledama, zonke izilo zazihleli zenze umkrozo njengababukeli ababhatele ukubukela umboniso othile. Zayithanda yonke into eyayehlele uMvolofu. Zamthi waaa ngentsini zimhleka. Ezinye ezincinci zaziziqaqika phantsi zonwabe nyhani.

"Isopholo yelitye!" wagcuma watsho uKumkani uNgonyama, ephelile yintsini.

"Namhlanje, into kaMvolofu ifunde kabuhlungu!"

Emva koko laduma lonke ihlathi njengoko zonke izilwanyana zazigijitheka yintsini. Zahleka de kwashukuma umhlaba. Umhlaba washukuma kakhulu phantsi komzimba kaMvolofu kangangokuba ilitye laphuncuka laza lapoqa emlonyeni wakhe. Izilwanyana ezikwidama ekuselwa kulo zeva umkhulungwane otsholo phantsi mgama. Zonke zancumelana, laza ihlathi lathi cwaka kwaye kwaphinda kwakhona uxolo.

## Yenza ibali linike umdla!

★ Uziva njani ngento eyenzeka kuMvolofu? Ngaba uyamsizela okanye awumsizeli? Ngaba bekuya kuba bhetele kuwe ukuba uMvolofu ebelibambile ithole lebhadi?

★ UKumkani uNgonyama uthi uMvolofu ufunde isifundo. Ucinga ukuba sesiphi isifundo asifundileyo uMvolofu?

★ Ngaba kwakha kwafuneka ufunde kabuhlungu nawe? Waziva njani xa ufunda eso sifundo?



Drive your  
imagination




# Wolf's supper

By Griselda Jacobs ■ Illustrations by Vian Oelofsen



A loud howl echoed across the bushveld as Wolf woke up from a very good night's sleep.

"What a glorious day," said Wolf. "Good morning, all my little friends and all my big friends," he greeted the other animals. "You must enjoy the sunshine today. Take a deep breath of the fresh air. Search high and low until you find the juiciest food," he added in an overly friendly voice.



You see, Wolf was going to put one of the animals on his menu for supper that night! He decided to eat nothing all day. Then, in the afternoon, he would be very hungry and he would go on the prowl to hunt for a juicy piece of meat. Finally, he shouted, "Enjoy the day, friends! See you later." He gave a sly laugh as he walked away.

Wolf hummed a cheerful tune as he jogged to the animals' watering hole. The water was clear and cool. He drank as much as he could. Then he found a place to sleep in the lush grass under a large, green shady tree.

Wolf had a lovely dream about the delicious meal he would eat later that day. Surely it would be a piece of roasted meat just as big as King Lion's! Wolf smiled broadly in his sleep.

The sun was setting when Wolf finally woke up from his nap. He stretched and stretched and shook the sleep from his hungry body. Then he opened and closed his mouth a few times to exercise his jaw so that he would be able to bite his prey in just the right spot.

"Well, it's time to find my supper," Wolf said. "I'm as hungry as a wolf, hee-hee-hee," he laughed until his body shook.

For a moment, Wolf wondered in which direction he should go. Should he go left or right when he reached the tall trees? He noticed a flat stone in the soft grass. One side was grey, and the other side was black. "Ahaaaaa!" he shouted. "I will throw the stone up in the air, and then I will choose grey for left and black for right." The stone fell on black. So, without delay, Wolf turned right when he reached the tall trees. He bounced up and down on his paws as he jogged through the trees.

Not long after, Wolf spotted his first possible victim – a small, grey field mouse.

"No, it's too tiny," thought Wolf. "It's not even enough for an appetiser."

Wolf jogged further, and then he saw a blue-grey turtle dove. The dove was sitting in front of a big tree, pecking the soft ground and looking for worms.

"Mmmm, rather not," thought Wolf. "That is still too small, and I am very hungry! I'll be patient. Let's rather see what I can find at the watering hole."

As Wolf neared the watering hole he gave a happy howl. It was almost too loud! There, in front of his eyes, he saw a scene that seemed too good to be true. Animals of all shapes and sizes were drinking water.

"Now," thought Wolf, "I will have to be crafty."

He crept forward very quietly and waited. Then he slowly crawled even closer on his stomach. He had to be careful because animals can smell extremely well and he didn't want anyone to notice him. Wolf pulled himself along through the last stretch of tall grass. He was breathless with excitement because right in front of him, a young springbok was calmly drinking water.

"Just right," Wolf whispered. "Now it is only that sharp rock in the shiny water between me and my meal."

As Wolf pounced, he closed his eyes, opened his mouth wide and bit down hard. But at the very same moment, a bee stung him on the tip of his nose.



"Aaaawhooo!" Wolf howled in pain. The bee sting hurt so much! But the pain in his throat was even worse. "What is going on? The bee didn't sting me in my throat!"

Then Wolf realised that the sharp rock was stuck in his throat. He had missed the springbok and swallowed the rock instead!

"I should have kept my eyes open!" he groaned angrily as he trotted off with his tail between his legs.

On the other side of the watering hole, all the animals were sitting in a row like spectators who had paid for a show. They enjoyed every moment of Wolf's predicament. They roared with laughter. Some of the little ones rolled back and forth from pure pleasure.

"A stone for supper!" roared King Lion, highly amused. "This time, Wolf learnt his lesson the hard way!"

Then the jungle rumbled as all the animals laughed out loud. They laughed until the ground shook. The ground shook so much under Wolf's body that the stone came loose and shot out of his mouth. The animals at the watering hole heard a faint howl in the distance. They all smiled at each other, and then the bushveld was quiet and peaceful once more.

## Get story active!

★ How do you feel about what happened to Wolf? Do you feel sorry for him or not? Would you feel differently if Wolf had caught the young springbok?

- ★ King Lion says that Wolf has learnt a lesson. What lesson do you think Wolf has learnt?
- ★ Have you ever had to learn a tough lesson? How did you feel when you learnt the lesson?

# Okokuzonwabisa kwakwaNal'ibali

## Nal'ibali fun



### 1. Ngaba ungawafumana la magama eeholide kwibloko yokukhangela amagama engezantsi?

- bhiyoza      ulonwabo      funda
- vuya          uyolo          phumla
- usapho      iiholide      yabelana
- abahlobo    dlala          amabali

### Can you find these holiday words in the wordsearch block below?

- celebrate      fun              read
- enjoy          happy          relax
- family          holidays      share
- friends          play            stories



a	u	y	o	l	o	y	l	o	p	i
b	h	i	y	o	z	a	a	y	u	v
a	a	p	o	i	a	b	d	s	u	i
h	b	h	n	l	u	e	u	i	s	i
l	a	u	w	a	d	l	a	l	a	h
o	w	m	a	b	y	a	d	q	p	o
b	n	l	b	a	h	n	n	w	h	l
o	o	a	a	m	n	a	u	e	o	i
j	k	h	l	a	m	a	f	r	t	d
k	u	l	o	n	w	a	b	o	y	e

a	r	p	r	e	l	f	r	r	i	p
c	e	l	e	b	r	a	t	e	c	e
f	a	a	c	h	s	m	e	l	l	b
r	d	y	h	o	l	i	d	a	y	s
i	f	u	n	d	g	l	s	x	h	j
e	n	j	o	y	i	y	h	k	a	l
n	m	p	r	u	q	w	a	t	p	l
d	x	u	y	s	z	t	r	v	p	p
s	t	o	r	i	e	s	e	a	y	u

### 2. Mangaphi amabali?

Jonga le mifanekiso ingezantsi. Qamba ibali elisekelwe kuyo yonke okanye kweminye yale mifanekiso. Ungabalisela usapho okanye abahlobo elo bali okanye ulibhale ukuze ulifundele abantu kamva.

1. Gqiba ukuba yeyiphi imifanekiso ofuna ukuyisebenzisa ukuze uqale ibali lakho.
2. Emva koko jonga eminye imifanekiso ukuze ugqibe ukuba ungayilandeleanisa kanjani.
3. Ngoku, bhala okanye ubalise ibali lakho usebenzisa imifanekiso nombono wakho.
4. Ungaqamba amabali amaninzi ahlukileyo ngokutshintsha ukulandelelana kwemifanekiso oyisebenzisayo, izinto ozicingayo nendlela ozifakela ngayo ebalini!
5. Ungalibali ukulinika isihloko esinika umdla elo bali lakho.

### How many stories?

Look at the pictures below. Make up a story based on all or some of these pictures. You could tell your story to family or friends or write it down so that you can read it aloud to others later.

1. Decide which picture you want to use for the start of your story.
2. Then look at the other pictures and decide in what order you could use them.
3. Now, write or tell your story by using the pictures and your imagination.
4. You can create many different stories by changing the order in which you use the pictures, the ideas you have and how you weave them together into a story!
5. Don't forget to give your story an interesting title.



Siza kukhe sithathe ikhefu kude kube yiveki yama-27 kuJanuwari 2023. Uze usijoyine ngoko ukuze ufumane olunye uncuthu lweencwadi zakwaNal'ibali!

We will be taking a break until the week of 27 January 2023. Join us then for more Nal'ibali reading magic!



AbakwaNal'ibali bakhona ukuze bakunike inkuthazo nenkxaso. Qhagamshelana nathi nangayiphi na enye kwezi ndlela zilandelayo:

Nal'ibali is here to motivate and support you. Contact us in any of these ways:

- [www.nalibali.org](http://www.nalibali.org)
- [www.nalibali.mobi](http://www.nalibali.mobi)
- [nalibaliSA](https://www.facebook.com/nalibaliSA)
- [@nalibaliSA](https://twitter.com/nalibaliSA)
- [@nalibaliSA](https://www.instagram.com/nalibaliSA)
- [info@nalibali.org](mailto:info@nalibali.org)

Produced by The Nal'ibali Trust. Translation by Mosekela Solutions. Nal'ibali character illustrations by Rico.

